ISIXHOSA SECOND LANGUAGE HG PAPER 2

Incwadi zombini ziyaziwa ngabavavanywa. Kuyacaca ukuba **Uhambo lwenkululeko** lwaziwa bhetelana kunale ncwadi yamabali amafutshane, **Kwisizwe esitsha**. Abavavanywa abaninzi baziqokelelele amanqaku ku-**Uhambo lwenkululeko**. Inkonzo yenu bootitshala ibe yencomekayo kulo mba.

Ndawana nje ethe yabhidisa kukuphawula ukuba abanye abafundi abazi ukuba bafanele ukuphendula imibuzo emingaphi. Ipolisi icacile kulo mba. Abafundi ukuba kuthiwe mabakhethe kumbuzo 1, uA okanye uB kunyanzelekile ukuba benjenjalo kungenjalo bazimoshela nje ixesha ngokuphendula kumbuzo omnye u-A okanye u-B. Ibonakele ke le ngxaki futhi ingachaphazeli izikolo zabucala kuphela. Ncedani ke ngoko zititshala, fundelani abafundi imiyalelo yeemviwo njengomzamo wokubalungiselela iimviwo phambi kokuba ziqale.

Abavavanywa mabasebenzise iimpawu zocaphulo xa becaphula kwisicatshulwa futhi baqheliseni ukuba basebenzise amazwi abo xa kufunwa njalo. Ubungakanani bempendulo yomfundi mabulawulwe ngamanqaku aza kuwafumana kuloo mbuzo. Akuncedi ukubhala imihlathi emibini usebenzela amanqaku amathathu. Ixesha abalinikwayo lokubhala iimviwo abavavanywa mabalisebenzise kakuhle.

Uhambo lwenkululeko:- Mcani, N.D.

Umbuzo 1A okanye Umbuzo 1B

Abavavanywa benze kakuhle kuyo yomibini le mibuzo. Abakhethe **Umbuzo 1B** babe baninzi kunabakhethe u-1A. Imbinana ide yasondela ekuwafumaneni onke amanqaku. Abanye bayiphendule yomibini le mibuzo, nto leyo ingakhange ibancede kuba yimpendulo yokuqala ethathwayo kuphela, ngalo lonke ixesha.

Kwisizwe esitsha:- Mlandu, M.S.

Isininzi sikhethe **Umbuzo 2A** kule ncwadi futhi benze kakuhle gqitha. Abo bakhethe **Umbuzo 2B** basokole kumbuzo 6.3 ukuya kutsho ku-6.6. Ingxaki enkulu kukubhala into engavakaliyo nokuphinda-phinda into enye. Loo nto yathetha ukuba baphulukana namanqaku aliqela kulo mbuzo.